## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/ andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

## ISICATSHULWA A

1.1 Ziingxaki zemihla ngemihla. √ (1)

1.2 Siphakame isiciko. √ (1)

1.3 Bazithethelela ngelithi wakuwukhupha uyakhululeka emphefumlweni. √√ (2)

1.4 Ukuxinezeleka kwegazi emithanjeni / √ isifo sentliziyo / √ udandatheko√/ ukuba likhoboka lotywala. √

(Nasiphi na isibini) (2)

1.5 Umsindo ungenza abantu bangavani nangakumbi, bangakwazi ukuxolelana, kungoko kubalulekile ukuba baqale bacinge ngeziphumo ezinokudalwa zizenzo ezikhatshwa ngumsindo. √√ (2)

1.6 Iziphumo ezingathandekiyo / √√ iziphumo ezikhathazayo / √√ iziphumo ezingangeni kamnandi / √√ iziphumo ezihambisa umzimba. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.7 Kuye kubekho iingxabano ekuye kungabi lula ukuzisombulula phakathi kosapho √√ (2)

1.8 Kulungile, kuba bangaphela bebulalana/ √√ kulungile, kuba abazukuphilisana kamnandi. √√

**OKANYE**

Akulunganga, kuba iingxaki yinxalenye yokuphila kwabantu/ √√ Akulunganga, kuba izinto zilungiswa ngokuthetha. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.9 Ndiyangqinela, kuba xa umntu enomsindo komnye unokubangela ukuba nomnye abe nomsindo. √√

**OKANYE**

Andingqinelani, kuba umntu usenongabi namsindo ehle ngoku omnye enomsindo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.10 B. Samkhathaza/ √√ B/ √√Samkhathaza √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.11 Ndingehla, ndingamhoyi/ √√ ndingamyeka abe nomsindo yedwa/ √√ ndingaphuma ndimshiye. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.12 Ndifunde ukuba akulunganga ukuba nomsindo, kwaye umsindo uyachitha. / √√ Ndifunde ukuba kungcono wehle elixa omnye evutha ngumsindo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.13 Bavakalelwa kamnandi/ √√bonwabile/ √√ banovuyo/ √√banemincili. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.14 Bayahleka/ √ baveze amazinyo/ √ bancumile/ √ kukho ogoniweyo. √

(Nasiphi na isibini) (2)

1.15 Kuthoba uxinzelelo lwegazi/ √√ kubagcina abantu besempilweni. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.16 Kwisicatshulwa A kuthethwa ngabantu abanomsindo, kanti kwisicatshulwa B kuvezwe abantu abonwabileyo. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

### QAPHELA

➢ **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

❖ **Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
- Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | Ukuhleka kuyatyebisa, itsho intetho yesiXhosa. | 1. | Ngokwentetho yesiXhosa ukuhleka kuyakubangela ukutyeba. |
| 2. | Apha akuthethwa ngokutyeba kwasemzimbeni. Kuthethwa ngobutyebi, nabutyebi obu ingebubo obu basebuhlanti okanye basepokothweni bodwa. | 2. | Xa kuthethwa ngokutyeba akubhekiselelwanga kubutyebi besiqu, bemfuyo okanye bemali kuphela. |
| 3. | Xa sicinga ngokubaluleka koncumo eluntwini singatsho nokutsho ukuthi akukho butyebi sababalwa ngabo obugqitha obu buluncumo. | 3. | Indlela olubaluleke ngayo uncumo lungabangela ukuba singqine ukuba kubutyebi esabuphiwayo uncumo bobona butyebi bukhulu. |
| 4. | Umntu onaso esi siphiwo usibonakalisa eselusana. | 4. | Umntu ophiwe isiphiwo soncumo usibonakalisa esemncinci. |
| 5. | Kwiindawo ezininzi kakhulu uya kufika abaxhasi beshishini begangwa ngoncumo besathi cakatha emnyango. | 5. | Abanini nabasebenzi bamashishini amaninzi baxabise ukubamkela ngoncumo abathengi besangena emnyango wamashishini abo. |
| 6. | Nakubeni uxolo luyinto enqongophele kakhulu, uncumo lunegalelo elikhulu ekukhuthazeni uxolo. | 6. | Nangona uxolo lunqabile, uncumo lusesinye sezixhobo zokuncedisana nobukho boxolo phakathi kwabantu. |
| 7. | Zininzi ke nezinye iimeko apho athi azibonakalise khona amandla oncumo ekulobeni imiphefumlo edandathekileyo. | 7. | Ukubaluleka koncumo kuye kubonakale naxa kuvuselelwa abo bamiphefumlo ikhathazekileyo kungenjalo abaphelelwe ngamathemba. |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Ngokwentetho yesiXhosa ukuhleka kuyakubangela ukutyeba. Xa kuthethwa ngokutyeba akubhekiselelwanga kubutyebi besiqu, bemfuyo okanye bemali kuphela. Indlela olubaluleke ngayo uncumo lungabangela ukuba singqine ukuba kubutyebi esabuphiwayo uncumo bobona butyebi bukhulu. Umntu ophiwe isiphiwo soncumo usibonakalisa esemncinci. Abanini nabasebenzi bamashishini amaninzi baxabise ukubamkela ngoncumo abathengi besangena emnyango wamashishini abo. Nangona uxolo lunqabile, uncumo lusesinye sezixhobo zokuncedisana nobukho boxolo phakathi kwabantu. Ukubaluleka koncumo kuye kubonakale naxa kuvuselelwa abo bamiphefumlo ikhathazekileyo kungenjalo abaphelelwe ngamathemba.

(70)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Ziibhanana / √ yibhanana. √ (1)

3.2 Kumntu wonke. √ (1)

3.3 Bengancumanga. √ (1)

3.4 Luluvo, kuba abanye abantu abancumi xa besitya. √√ (2)

3.5 Kukukhuthaza okanye ukuloba/ √√ukutsala abathengi ukuba bacinge ukuba xa usitya ibhanana iza kuphathela uncumo. √√ (2)

3.6 C. Isivumelanisi senjongosenzi / √ C / √ isivumelanisi senjongosenzi. √ (1)

3.7 Sinxulumana ngokuba sithetha ngoncumo, naye umntwana okulo mfanekiso uncumile. √√ (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Basesikolweni / √ basegumbini lokufundela / √ baseklasini. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Kukho iidesika / √ kukho abafundi / √ Ingcinga yomfundi okwiqam loku-1 ithetha ngesikolo/ √ kukho abafundi abanxibe umakufanwe / √ kukho utitshala. √

(Nasiphi na isibini) (2)

4.3 Ayakhi, kuba ukuyeka isikolo kungambangela ukuba abe nekamva Elimfiliba / √√ Ayakhi, kuba isikolo sibalulekile. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.4 Ukhamise kakhulu/ √ ude wakhupha ulwimi/ √ ufinge iintshiyi. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.5 Sinika intsingiselo yendelelo. √√ (2)

4.6 Kukubonakalisa ukuphatheka kakubi kwabantwana besikolo / √√ kukubonakalisa ukuxhatshazwa kwabantwana besikolo / √√ kukubonakalisa ukutyeshelwa kwamalungelo abantwana ezikolweni. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

5.1 Ukungavisisani kwethu bekungayi kudubula kube yingxabano √ eshushu. (1)

5.2 Sibonakalisa isenzeko esenzeka macala. √ (1)

5.3 Silandela isibizo / √ sandulelwa sisibizo/ √ sisemva kwesibizo. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Umntwana uyazithoba iinyawo zikamama xa zidumbile / √√ inkwenkwe iyazithoba iinkomo ukuba ziyokusela. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

5.5 Ukwenza oku ngenxa yokuba eligwala okanye ebuthathaka emzimbeni. √√ (2)

5.6 Libonakalisa ukuba into ethile ibinako ukwenzeka. √√ (2)

5.7 Angaphandle. √ (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**